

ISIXHOSA NATIONAL
LEXICOGRAPHY UNIT
IZIKO LESIZWE LOCHAZO-
MAGAMA LESIXHOSA



INGXELO 2013 **ANNUAL**
YONYAKA 2014 **REPORT**



University of Fort Hare
Together in Excellence



PanSALB
PAN SOUTH AFRICAN LANGUAGE BOARD

UMBONO

Ukumisela iziko lochazo-magama elizinzileyo, elikhupha izichazi-magama ezikumgangatho ophezulu nelinika inkonzo esulungekileyo kubantu abantetho isisiXhosa ngenjongo yokunyusela phezulu ulwimi lwesiXhosa njengolwimi olusetyenziswa kwezemfundo, kwezenzululwazi, kwezorhwebo nakwezopolitiko.

INJONGO

Ukuphakamisa ulwimi lwesiXhosa nabantu abantetho isisiXhosa ngokubhalwa, ngokuphuhliswa nangokukhuthazwa kokusetyenziswa kwaso kuzo zonke iinkalo khona ukuze kube nokubuyiselwa isidima saso nokuhlonitshwa kwaso njengolwimi oluyintetho yesizwe.

ISIBHAMBATHISO

Eli ziko lizimisele:

- Ukusebenzisa igunya lalo elikumgaqo-siseko;
- ukuphenduliswa;
- ukwenzela izinto ekuhleni;
- ukubonelela ngezichazi-magama neenkono ezikumgangatho ophezulu;
- ukubonisa intlonipho
- nokuzinikezela kumsebenzi walo.

Iziko loChazo-magama lesiXhosa leSizwe nelaziwa njengeZiko lesiChazi-magama libhaliswe njengombutho ongenzi ngeniso kwaye inombolo yalo yobhaliso ithi 2001/001015/08 kwaye lisekwe ngokwemimiselo yeBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika.



OKUQULATHIWEYO

- 04 | IBHODI YABALAWULI
- 05 | ILIZWI LIKASIHLO
- 07 | ISIGUNYAZISO SOMTHETHO
IMISEBENZI YEZIKO
- 08 | UKUPHONONONGWA KOZINZO
- 09 | INKXASO-MALI
- 10 | ULAWULO LWEZIKO
- 13 | ABASEBENZI
- 14 | IMISEBENZI
- 15 | INTSEBENZISWANO NAMANYE AMAZIKO
IPROJEKHTHI YESICHAZI-MAGAMA YEZIKO LOCHAZO-MAGAMA
- 17 | IGALELO ELENZIWE KWEZOPHANDO
- 18 | OLUNYE UPHUHLISO LOPHANDO KWIZIKO LOCHAZO-MAGAMA
- 19 | IZICWANGCISO ZONYAKA-MALI WAMA-2013/2014

USihlalo : Gqr. M-W Jadezweni
ISekela-sihlalo : Gqr. SS Mdaka
Amalungu eBhodi : Mnu M Tanda
 Gqr. N Mkonto
 Gqr. O Dzingwa
 noNjing DN Jafta

Abaseki beZiko:
 Mnu L Bambelo, Njing S Gxilische, Njing S Satyo,
 Mnu Dyubhele, Mnu T Mxowa, Mnu Maqungu,
 Nksk Sili, Mnu T Bhengu, Mnu Sobahle,
 Nksk Mgadle, Nksk Nongxe, Nksk Mgabadelu,
 Nksk Ngcofe, Nksk Nongxaza



Idilesi yeziko:
 IsiXhosa National Lexicography Unit
 University of Fort Hare | Private Bag X 1314 Alice | 5700
 Eastern Cape | South Africa

Amanani omnxeba: (040) 602 2082 / 2672 / 2024
 Amanani efeksi: (040) 602 2590
 I-imeyile: zwababa@ufh.ac.za
 Iwebhusayithi: www.xnl.uhf.ac.za

Abaphicothi-ncwadi bangaphakathi:
 Marais & Smith Chartered Accountants (SA)
 2 Scherwitz Road | Berea | East London 5241



Ngokwendlela izinto ezihambe ngayo, unyaka-mali wama-2013/2014 awubanga ngunyaka omhle kwaphela kwiBhodi yeelwimi yoMzantsi-Afrika. Oku kubonakele ngokungahlawulwa kwesibonelelo senyanga kwiZiko loChazo-magama ekupheleni konyaka wama-2013 ukuya kowama-2014. Le meko ibangele ukuxhalaba okukhulu kubasebenzi beZiko nakwiBhodi yabaLawuli. Saba nengcinga ethi makube iBhodi yeelwimi yoMzantsi-Afrika iyophusa. Zithe zisakufika izibonelelo ekugqibeleni, saqonda ukuba iingcinga zethu bezibangelwa nje yinkxalabo. Umonde wabasebenzi beZiko nowebhodi yabaLawuli kulo naluphi na uloyiko ube nokuvavanywa. Nangona kubekho inkxalabo yokungahlawulwa kwezibonelelo zeZiko, iZiko lona lisebenze ngokungathi akukho nto yenzekileyo. Ibe ngumnqa nento yokuba side siphumele kule meko kungabangakho msebenzi uyihlelelayo idyokhwe. Simothulela umnqwazi uMhleli oyiNtloko nabasebenzi beZiko ngomonde nokuzinikela kwabo kweli Ziko ingakumbi ngexesha elibangela inkxalabo. Amalungu eBhodi yabaLawuli nawo abulelwa

ngokungazenzisiyo ngegalelo lawo ekulawulweni kweZiko. Inkonzo yawo kwisizwe ibulelwa ngokungenasiphelo.

Ukupapashwa kwesiChazi-magama seMathematika neNzululwazi samaBanga 1–7 ibe yenye yeenjongo zonyaka-mali 2013/2014. Ukungabi nakupapashwa kwalo msebenzi usisiseko senkqubela-phambili kubangele udano olukhulu nangona luya kuguquka olo dano lube yintsikelelo njengoko esekho amathuba okupapashwa kwalo mqulu. IZiko linethemba lokuwupapasha lo msebenzi kungekudala.

Isichazi-magama esilwimi-ntathu kwanesilwiminye zithe gqolo ukuphakamisa igama leli Ziko loChazo-magama. Ezi zichazi-magama zibini zitsala umdla kakhulu ebantwini kwaye zithengwa qho. Sibulela kakhulu kwaba bathengi kwaye ngokuthenga kwabo badlala indima engencinane ekuphakamiseni eli Ziko loChazo-magama. Akuthandabuzeki ukuba aba vimba babini baya kuqhuba besebenza njengesiseko sokuveliswa kwezinye izichazi-magama zolwimi lwesiXhosa. Oku kuchazwe ngokucacileyo kuxwebhu lwethu lwesicwangciso.

Mayela nokuzaliswa kwesithuba soMncedisi woMhleli oyiNtloko, kusaqhutywa nokukhangelwa umntu ofanelekileyo kwaye kuyathenjwa ukuba siya kuzaliswa esi sithuba phambi kokuphela kwalo nyaka-mali. Akulula kona ukusizalisa esi sithuba ngenxa yokunqongophala kwabantu abaqeqeshiweyo kwinkalo yochazo-magama.

IYunivesithi yaseFort Hare, iziko elisingathileyo, lithe gqolo lizivula iingcango zalo kwiZiko loChazo-magama, kulwimi lwesiXhosa ukutsho oko kwaye ngokwenza njalo lizibalula njengeYunivesithi eyondla isizwe esimnyama. Kuyachulumancisa ke oku.

Sisoloko siziva sisekhaya kwaye sinebhongo kakhulu ngale Yunivesithi.

Amanye amaziko ochazo-magama - oogxa bethu, bafumana kulula ukunxibelelana neZiko lethu kwaye balibalula eli Ziko lethu njengeziko ekunokufundwa kulo. Lelinye ibakala ke eli elibangela sibe neqhayiya ngakumbi.

Sinethemba sileli Ziko ukuba iBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika iya kude ifikelele kwisigqibo

sokonyula iBhodi yabaLawuli entsha njengoko ithuba lale Bhodi iqhubayo selaphelayo.

Siyayivuyela inkxaso yeBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika kumsebenzi weZiko loChazo-magama ■

Gqrh Mhlobo Jadezweni

USihalo weBhodi yabaLawuli

IZiko loChazo-magama lesiXhosa leSizwe

UmThetho weBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika, 1999

IZiko loChazo-magama lesiXhosa leSizwe lasekwa ngokwemiqathango yecandelo 8(8)(c) lomThetho weBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika, 1999 (umThetho we-10 kowe-1999), lisekelwa ukuba lisebenze njengequmrhu elingenzi ngeniso phantsi kwecandelo lama-21 lomThetho wamaQumrhu, 1973 (umThetho wama-61 kowe-1973). IZiko eli liya kungqiyama kwimizamo yokuphuculwa kolwimi nasekuthobeleni imigaqo-nkqubo yeBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika.

Eminye imithetho elisebenza phantsi kwayo iZiko loChazo-magama lesiXhosa yile ilandelayo:

- UmThetho wamaQumrhu (umThetho wama-71 kowama-2008);
- UmThetho woLawulo lweMali kaRhulumente (umThetho woku-1 kowe-1999) kunye nemiMiselo kaNondyebo weSizwe (yomhla wama-25 kuCanzibe 2002);
- ImiMiselo yomThetho weBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika (umThetho wama-59 kowe-1995) ephathelele kwimiqathango neemeko zomsebenzi yabasebenzi beBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika;
- UmThetho wokuSetyenziswa kweLwimi zoMzantsi-Afrika ezisemThethweni (umThetho we-12 kowama-2012);
- UmThetho woHlengahlengiso lweNkonzo zabaSebenzi bakaRhulumente (umThetho wama-30 kowama-2007).

Imisebenzi yeZiko, ngokwemiqathango yomGaqo we-14 lomGaqo wamaQumrhu, iya kuba kukusungula, ukulondoloza, ukuqoshelisa nokuphucula kumathuba ngamathuba ukuqulunqwa kwesichazi-magama esilwiminiye okanye ezinye izichazi-magama ngolu hlobo:

- (a) ngokuqokelela, ukucwangcisa nokugcina, kwimeko yochazo-magama esebenzayo, isigama sesiXhosa;
- (b) ngokuhlela nokupapasha ingqokelela yamagama ngokwemigaqo yochazo-magama kwimo yencwadi okanye yekhompyutha;
- (c) ukuvumela ukufikelelwa kweencwadi nezinye izixhobo zeZiko ngabaphandi ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo webhodi yabalawuli.
- (d) nokuchaza inkqubo yochazo-magama ekuqulunqweni kwezichazi-magama ngokuthi kupapashwe amaphepha koolindexsha.

Kwakhona iZiko loChazo-magama libe nemingeni emininzi kulo nyaka-mali kwaye loo mingeni ibekho nakwamanye amaziko ochazo-magama. Onke amaziko ochazo-magama anikwa isabelo-mali esincinci. IZiko loChazo-magama kunyanzeleke ukuba lixoze mphini wumbi, likhangele eyona miba iphambili ukuze libe nokuqhubela phambili. IBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika iyinyuse ngesi-5% inkxaso-mali yeZiko loChazo-magama. Lo myinge awenzi mahluko nakancinane ekutshintsheni isimo semali esingasihlanga seZiko loChazo-magama. Nangani kunjalo, iBhodi nabasebenzi beZiko basebenze nzima bebeka phambili iiprojekthi ezibalulekileyo ngenjongo yokuqhubela phambili eyona misebenzi ingundoqo yeZiko.

Amaziko ochazo-magama ayenethemba lokuba iqhinga leBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika lokuguqula imeko liya kuba neziphumo ezincomekayo kuwo kodwa akubanga njalo. Amaziko ochazo-magama akaphathekanga kakuhle kule Bhodi ngokwasemalini nangokweminye imiba. Kumaxesha amaninzi, iBhodi yabaLawuli inyanzeleke ibhalele ibambela leGosa loLawulo eliyiNtloko leBhodi yeeLwimi ikhumbuza ngesibonelelo esingekahlawulwa. Iqhinga lokuguqula imeko liyisebenzele kakuhle iBhodi yeeLwimi kuNdunkulu kodwa libe lincinci igalelo lalo kumaziko ochazo-magama kuba amaziko ochazo-magama akaziswa ngeenkqubo ezininzi zothatho-zigqibo.

Okona kudana kube kukhulu kwiZiko loChazo-magama ibe kukungabi nakho kwalo ukupapasha isichazi-magama seMathematika neNzululwazi ngenxa yokungabi namdla kwemizi yopapasho emikhulu. IBhodi yeeLwimi ayinancedo ilwenzayo kwimiba yopapasho. IZiko loChazo-magama kunyanzeleke lisebenzise imali yalo, liwe livuka likhangela umzi wopapasho onokupapasha esi sichazi-magama. Ngenxa yokuba ubuninzi besabelo seZiko sihlawula imivuzo yabasebenzi, iintlanganiso zeBhodi neminye imisebenzi, iZiko linyanzeleke

ukuba lithathe isixa-mali esithile lisebenzise ekupapasheni isiqalelo sesichazi-magama seMathematika neNzululwazi oku kokuba kubekho into eyenziweyo.

Ekupheleni konyaka-mali wama-2013/2014 siqaphele ukuba iindleko zeZiko zingaphezulu kunengeniso yalo. Unobangela woku kukuba iZiko alisenzi ngeniso ngentengiso yezichazi-magama. Inkampani yoshicilelo eyanikwa uxanduva lokushicilela nokuthengisa izichazi-magama zeZiko ayiyihlawulanga kakuhle imali yentengiso yezichazi-magama kwiZiko loChazo-magama kule minyaka mithathu idlulileyo. Oku kungahlawulwa kuyibeka kwimeko enkenekene ingeniso yeZiko.

Ngaphandle kwale meko yemali yeZiko inkenekene, eminye imingeni yephathelele kubudlelwane bentsebenziswano neYunivesithi, ingakumbi iCandelo leeLwimi zeSintu. IZiko loChazo-magama lachazelwa ukuba kufuneka libenze ngokusesikweni ubudlelwane bentsebenziswano neCandelo leeLwimi zeSintu. Kungoku nje, iZiko loChazo-magama neCandelo leeLwimi zeSintu, zilungiselela ukumisela ngokusesikweni ubudlelwane bentsebenziswano. UMhleli oyiNtloko ube negalelo ekuqulunqweni komgaqo-nkqubo wolwimi weYunivesithi. IDean of Social Sciences and Humanities yaphakamisa ukuba afakwe njengelungu leKomiti yeeLwimi yeYunivesithi. Oku kuya kuvula indlela yokuba iZiko lisebenzisane namaqonga olawulo lweYunivesithi.

Umlawuli weZiko loChazo-magama ukhe wafakana imilomo namagosa eSebe leMfundo eMpuma-Koloni ngenjongo yokuququzelela intengiso yezichazi-magama zeZiko loChazo-magama. Ngeliphandle imeko yeZiko loChazo-magama isembi kakhulu ngokwasemalini. Okwangoku, iZiko loChazo-magama alinakho ukuzalisa izithuba ezithathu ezikhoyo de lifumane uzinzo ngokwasemalini. Into eliyenzayo iZiko kukuqhuba loo maphulo linakho ukuwahlawula ■


Nangeli ithuba, isibonelelo sonyaka esifunyenwe kwiBhodi yeeLwimi sibe ngaphantsi kuneemfuno zesabelo-mali seZiko loChazo-magama. Le yimeko ewachaphazela onke amaziko ochazo-magama. Isibonelelo sonyaka-mali wama-2013/2014 sibe sisigidi esi-R1 438, 097.65 kwaye asanelanga ukuhlawula isabelo-mali semivuzo yabasebenzi. Iziko loChazo-magama kufuneka liqwalasele kuphela iindleko zemiba ephambili yomsebenzi neyefisi.

IQonga laBahleli boChazo-magama lazise iOfisi kaMongameli ngemeko yezemali yamaziko ochazo-magama, ichaphazela nokungahoyi kweBhodi yeeLwimi ekuxoxeni ngesimo sezemali samaziko ochazo-magama. Iqela labathunywa eliquka uMhleli oyiNtloko we-WAT; uMhleli oyiNtloko wesiZulu noMhleli oyiNtloko we-DSAE bathunywa ukuba baye kudibana neOfisi kaMongameli kunye neSebe lezobuGcisa neNkcubeko.

Naku ekwavunyelwana ngako neSebe lezobuGcisa neNkcubeko: uMlawuli-jikelele weSebe lezobuGcisa neNkcubeko wathembisa ukuba uya kuzama ukukhangela imithombo yenkxaso-mali yokungxamisekileyo ukongeza izabelo-mali zamaziko ochazo-magama kunyaka olandelayo. Okwesibini uthethe uza kuhlanganisa iqela elisebenzayo ukuba liphande ngemiba ebanzi ephathelele neendawo abekwe kuzo nangendlela axhaswa ngayo amaziko ochazo-magama. Ikakhulu kuya kuphandwa ngokuba ingaba iBhodi yeeLwimi yindawo efanelekileyo na ukuba abe phantsi kwayo amaziko ochazo-magama

Ukususela oko kwatyunjwa ibambela leGosa loLawulo eliyiNtloko ngeyeSilimela 2012, amaziko ochazo-magama aba nemingeni engaphezulu kunangaphambili. IGosa loLawulo eliyiNtloko elibambeleyo lanikwa uxanduva lokuguqula imeko yeBhodi yeeLwimi kwaye, njengenxalenye yoko, wathembisa ngokuba uya kujongana neengxaki zamaziko ochazo-magama. Amaziko ochazo-magama akasachazelwa nto ngemiba emininzi echaphazela iBhodi yeeLwimi. Ngokoluvo lwamaziko ochazo-magama izicwangciso ezikhokelwa libambela leGosa loLawulo eliyiNtloko neqela lalo, ziyadanisa. Nangona kwabhalelwa iBhodi yeeLwimi kaninzi kwabuywa kwabanjwa uthotho lweentlanganiso nebambela leGosa loLawulo eliyiNtloko neqela lalo, kwacaca okwekat'emnyam'ehlungwini ukuba kusekukhulu ukungaqondwa kwamaphulo ezichazi-magama yiBhodi yeeLwimi kwaye akukho mbono ukhoyo wokuwaqhubela phambili la maphulo ngendlela encomekayo ■

Itshati 1: Umboniso wenkcitho yenkxaso-mali esuka kwiBhodi yeeLwimi kulo nyaka



6.1 Ubudlelwane phakathi kweZiko loChazo-magama neYunivesithi yaseFort Hare

Iziko loChazo-magama linesivumelwano neBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika kunye neYunivesithi yaseFort Hare. Ngokwesi sivumelwano, iBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika inoxanduva lokuxhasa ngemali eli Ziko ukuze libe nokwenza umsebenzi walo. IYunivesithi yaseFort Hare ibonelela ngeenkonzozo zolawulo lwemali, ulawulo lwabasebenzi, inkxaso kubuchwepheshe beekhompuyutha nangokubonelela iZiko ngendawo yokusebenzela. Kwisabelo seZiko esisuka kwiBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika, iYunivesithi ifumana kuphela isi-5%. Asingeyifihli into yokuba iYunivesithi yaseFort Hare inegalelo elincomekayo ekukhulisweni nasekuphuhliseni kolwimi lwesiXhosa nabantu baso.

Nangona kunjalo, ikho imingeni ekhoyo kubudlelwane beZiko loChazo-magama neYunivesithi. IZiko loChazo-magama liqaphele ukuba ubudlelwane bentsebenziswano phakathi kweCandelo leeLwimi zeSintu neZiko loChazo-magama abukamiselwa ngokusesikweni. Oku kuthetha ukuba, nokuba iZiko lingapapasha iphepha lophando, iYunivesithi ayinakuba nakho ukwenza ibango lenkxaso-mali kuRhulumente.

Iziko loChazo-magama lizama kangangoko linakho ukuyilungisa le meko ngokuthi lisebenze ngokusondeleleneyo neCandelo leeLwimi zeSintu. Usakube usonjululwe lo mngeni siyathemba ukuba iZiko liya kuba nengeniso eliyenzayo ngamagalelo alo alenzayo kuphando.

Kwinkalo yezolawulo, iZiko linayo imingeni engephi eligagana nayo kwiCandelo leMali nelezaKhono zabaSebenzi. Kulindeleke ukuba le mingeni iya kusombululeka kusakuhlaziywa isivumelwano

esiphakathi kweZiko loChazo-magama, iBhodi yeeLwimi neYunivesithi yaseFort Hare.

6.2 IBhodi yoLawulo namagunya ayo

Ngokwemiqathango yomThetho weBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika, iZiko loChazo-magama lilawulwa ngokwemigaqo yeenkampani. Ngaphezu koko, iZiko loChazo-magama libekwe esweni yiBhodi yabaLawuli (ebizwa apha ngokuba yiBhodi). Umsebenzi weBhodi ubalulekile ekuncediseni iZiko loChazo-magama ukuba lenze umsebenzi elimiselwe wona kwaye lithobele imigaqo, imimiselo neenkqubo zeZiko loChazo-magama. Eminye imisebenzi ebalulekileyo yeBhodi yile:

- (a) ukuqinisekisa ukuba imigaqo-nkqubo yeZiko loChazo-magama ihambelana nezicwangciso zolawulo zesizwe zeBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika,
- (b) ukuncedisa iZiko loChazo-magama ukuba lenze umsebenzi elimiselwe wona ngelixa lithobele imigaqo, imimiselo neenkqubo ezisemthethweni,
- (c) ukubonelela ngesikhokelo solawulo ngokuphathelele ekusetyenziseni ngokusulungekileyo kwezixhobo zeZiko loChazo-magama kuqukwa imali nabasebenzi.

Kulo nyaka-mali wama-2013/2014, iBhodi icebise uMhleli oyiNtloko ukuba, phakathi kwezinye izinto, aqinisekise ngokuqosheliswa kwesiChazi-magama seMathematika neNzululwazi ukulungela upapasho. IBhodi yabaLawuli iyamkele inkqubela eyenziweyo kumaphulo amabini ahamba kunye nesiChazi-magama seMathematika neNzululwazi. La maphulo mabini yiConcise Trilingual isiXhosa, English and Afrikaans Dictionary nesiChazi-magama sesiXhosa esiLwiminye. Ukwenziwa kovimba weenkukacha ukulungiselela isichazi-magama esiLwiminye sele kuqoshelisiwe. Nangona ukho umngeni

wokungabikho kwemali, kodwa iBhodi isoloko inika inkxaso kwiZiko ukuba liqhube nomsebenzi walo.

6.3 Imingeni yolawulo egagana nayo iBhodi

iBhodi yabaLawuli yahlulwe yaba ziikomiti ezimbini; iKomiti yoLawulo neKomiti yobuChwepheshe. IKomiti yoLawulo iqwalasela imiba yolawulo neyemali ngelixa iKomiti yobuchwepheshe iqwalasela imiba yohlelo. Umngeni ezigagana nawo ezi komiti ngowenani elifanelekileyo lokuhlala iintlanganiso. Ngokwenani, iBhodi ibinamalungu ali-9. Aye asala ema-5 emva kokuba kubeke phantsi amalungu eBhodi ama-4. Eli nani liyibeka engxakini iBhodi kuba qho xa kukho umba otshisa ibunzi nekufuneka kuthathwe isigqibo ngawo, iBhodi ayikwazi ukufikelela kwinqanaba elifunekayo. Omnye


umngeni ngowokuba, njengoko amalungu eBhodi ingabantu abakwizikhundla ezizigxina, kuba nzima ukuzimasa iintlanganiso zeBhodi.

6.4 Iintlanganiso zeBhodi


Zibe ntathu iintlanganiso zeBhodi yabaLawuli kulo nyaka-mali uphononongwayo, zibe ngale mihla: Intlanganiso yeBhodi 27 kweyeSilimela 2013; intlanganiso yonyaka 28 kweyeSilimela 2013; intlanganiso yeBhodi 1 kweyeNkanga 2013; intlanganiso yezicwangciso 23 kweyeMqungu 2014; intlanganiso yeBhodi 24 kweyeMqungu 2013. IZiko ligqibe ekubeni lilicuthe inani leentlanganiso ngenxa yokunqongophala kwemali. IZiko ligqibe ekubeni lilicuthe inani leentlanganiso ngenxa yokunqongophala kwemali ■

<i>Itheyibhile : Inkcitho yeBhodi yonyaka-mali 2013/2014</i>			
INKCITHO YEBHODI YABALAWULI 2013/2014			
Igama	Isikhundla	Inani lentlanganiso	Isibonelelo: intlanganiso nohambo
Ggr. Jadezweni M-W	uSihlalo	10	R 6539.34
Gqrh. Mkonto N.	Ilungu beBhodi	7	R 5030.45
Adv Gqrh Dzingwa O.	Ilungu beBhodi	3	R 1755.45
Mnu. Tanda M.	Ilungu beBhodi	2	R 1170.30
Njing Jafta D.N.	Ilungu beBhodi	2	R 4833.13
Gqrh. Mdaka S.	Ilungu beBhodi	5	R 5261.75
			R
Iintlanganiso zeBhodi, iintlanganiso zesiqophe nezinye iindleko			
linkomfa			R 27871.00
Indawo zokulala			R 4381.00
Imoto eqeshiweyo			R 13, 152.68
Iinqwelomoya			R 28132.00
Izibonelelo zentlanganiso			R 24590.42
Inkcitho iyonke			R 98, 127.10

Itshati 2: Inkcitho yeBhodi yonyaka-mali 2012-13



IZiko liwusungule lo nyaka-mali ngabasebenzi abane abasisigxina. Ekupheleni kwalo nyaka-mali, iBhodi yabaLawuli ithathe isigqibo sokuba sizaliswe isithuba soMhleli oNcedisayo. Onke amalungiselelo okupapashwa kwesi sithuba kumaphephandaba enziwa. Inani labafaki-zicelo alizange lonelise kwaye kwelinye icala iZiko lingenamali yaneleyo ukuzalisa esi sithuba. IZiko liye lakuhlelisa ukuzaliswa kwesi sithuba de kuphucuke imeko yalo yezemali.



Umboniso 1: Izikhundla zeZiko loChazo-magama

7.1 Uphuhliso lwabasebenzi

Isiboniso 1: Uluhlu lwezikhundla zeZiko loChazo-magama

IZiko liyabakhuthaza abasebenzi balo ukuba bazixhobise ngokuqhubela phambili nezifundo zabo. Kungokunje, uMhleli oyiNtloko ungenele izifundo zesidanga kuchazo-magama. UMphathi-ofisi yena ungenele izifundo kwikhondo leNzululwazi yezoQoqosho nezoLawulo. Ngaphezu koko, uMphathi-ofisi uzibethelele izakhono zakhe kwiinkqubo zokuphathwa kwemali kangangokuba abaPhicothi-ncwadi beZiko, abakwaMarais and Smith bazinikezela ekumqeqesheni ukuze kuloleke isakhono sakhe ekuphatheni imali yeZiko. Sinethemba lokuba le mizamo iya kulinceda iZiko ekuqhubeleni phambili umsebenzi walo wokuvelisa izichazi-magama ■

La macandelo angezantsi aya kuqwalasela imisebenzi eyahlukeneyo kwiZiko loChazo-magama.

8.1 ULawulo lwabaSebenzi nemiThombo yeMali

Kwiindlela zalo ezininzi zoLawulo lwabaSebenzi, iZiko loChazo-magama lilandela imimiselo yomThetho weBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika, 1995 ngokuphathelele kwiimeko zempangelo zabasebenzi. IZiko loChazo-magama likwasebenza phantsi kweYunivesithi yaseFort Hare

Kwimisebenzi yalo, iZiko loChazo-magama lilandela umthetho wesizwe ingakumbi umThetho weeNkampani, 2008; umThetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 nemiMiselo kaNondyabo weSizwe yowe-2000 ngokuphathelele ekusetyenzisweni kwemali efunyanwa kwiBhodi yeeLwimi yoMzantsi-Afrika. IOfisi yamaPhulo yeYunivesithi yaseFort Hare incedisa kulawulo lwemali. IYunivesithi yaseFort Hare ikwalawula zonke iikhawunti zebhanki zeZiko loChazo-magama kwaye ikwancedisa nakwimiba ekufuneka ilandelwe.

8.2 linkqubo zolawulo lweofisi nemigaqo

AbaPhathi beZiko loChazo-magama baye baphonononge iindlela zolawulo zangaphakathi nemigaqo kunyaka-mali ngamnye. Oku kunceda ekuphuculeni indlela yokusebenza kwethu. Amaxwebhu ezicelo naweentlawulo ayahlaziywa xa kukho imfuneko yoko. Oku kusinceda ekuphuculeni ulawulo lweerekhodi zekhompyutha eziquka ukusikena nokuthumela ngeimeyile kwamaxwebhu angaphakathi amaninzi njengoko ukuthunyelwa kwawo kungakhokelela kwinkcitho engeyomfuneko.

Irejista yempahla eneenkcukacha ezininzi neebhakhawudi kunye nomgaqo-nkqubo wokuchithwa kwempahla kubekwa iliso kuzo. Oku

kulincedile iZiko kuba libe nakho ukuqinisekisa ngexabiso nangokonakala kwempahla. Nangona irejista yempahla ibekwe phantsi kweliso kwaye ihlaziywa ngengcaciso evelayo ngalo lonke ixesha kodwa uphicotho-ncwadi lonyaka-mali wama-2013/2014 lubonise ubuthathaka obukhoyo kwaye oku kwenzeka qho nakwiminyaka edlulileyo. Abaphicothi-ncwadi bafumanise ukuba impahla eninzi yeZiko yonakele kodwa iZiko lona lisayibona njengempahla enokusetyenziswa ngenxa yesimo salo semali esingasihle. Ngenxa yoku, abaphicothi-ncwadi bacebise ukuba iZiko ligcine yonke impahla yalo enexabiso elingaphantsi kwe-R1 500 kwirejista yempahla, lize liyixabise kwakhona libuye liyifake njengempahla elinayo de isimo semali sibe nokuzinza.

8.3 linkomfa neendibano zocweyo

Abasebenzi beZiko bathathe inxaxheba kwezi nkomfa nakwezi ndibano zocweyo zilandelayo:

3 - 5 kweyeKhala 2013: AfriLex Conference kwiYunivesithi yaseNelson Mandela Metropolitan, eBhayi.

27 - 28 kweyoMsintsi 2013: The Fifth African Intellectuals Language Conference kwiYunivesithi yaseFort Hare, eDikeni.

23 kweyoMsintsi 2013: Incremental Introduction of African Languages Policy Conference, Education Leadership Institute, eMonti.

21 - 22 kweyeNkanga 2013: Indibano yocweyo ngemigaqo yokubhalwa kwesiXhosa, National Language Body of isiXhosa, kwaLanga eKapa.

8.4 Unxibelelwano nentengiso

Kwezi nkomfa zikhankanywe ngasentla, iZiko laqaphela ukuba kungcono ukuzithengisela izichazi-magama zalo endaweni yokuba abathengi baziodola kubaPapashi bakwaNutrend. Sifumene ingxelo ethi, ukuodola izichazi-magama kwaNutrend kuthatha

ixesha elide. Ngeso sizathu, iZiko likholelwa ekubeni zingathengiswa ngokukhawuleza izichazi-magama xa zinokugcinwa kwiZiko loChazo-magama. IZiko loChazo-magama liqulunqe iwebhusayithi njengesixhobo sentengiso, apho abathengi banokufaka khona iiodolo zabo zezichazi-magama.

Ezo odolo zithunyelwa kwaNutrend. Abathengi bangafaka iiodolo zabo kwiZiko loChazo-magama kodwa bahlawule kwaNutrend. AbakwaNutrend ke bona baya kuzithumela izichazi-magama kubathengi. Le ndlela yenza kube lula ukuthengwa kwezichazi-magama zeZiko ngabathengi bethu ■

09

INTSEBENZISWANO NAMANYE AMAZIKO

9.1 Utyelelo lwezemfundo lweYunivesithi yaseRhodes

IZiko loChazo-magama lisungule intsebenziswano neCandelo leziFundo zoLwimi lweSintu kwiYunivesithi yaseRhodes ingakumbi kwimiba ephathelele nochazo-magama. IZiko loChazo-magama noogxa balo kwiYunivesithi yaseRhodes bavumelene ngokusebenzisana kuchazo-magama nasekuqulunqweni kwezichazi-magama. Ngomhla we-18 kweyeDwarha 2013, umhlohli wezochazo-magama, uGqrh uNkomo, nabafundi bakhe aba-3 kuchazo-magama batyelela iZiko loChazo-magama ngenjongo yokuzibonela inkqubo yokwenziwa kwesichazi-magama. Ngethuba lolu tyelelo, uGqrh Nkomo wabamba indibano yocweyo nabasebenzi beZiko apho wathetha khona ngethiyori yochazo-magama kwanokuqulunqwa kwesichazi-magama. Kukolu tyelelo apho la maziko mabini athi

avumelana ngokuba abe nento ayipapashayo ngochazo-magama lwesiXhosa eya kuthi ijonge kwixesha elidlulileyo, kwixesha ekulilo nakwixesha elizayo. UMhleli oyiNtloko weZiko loChazo-magama naye utyelele iYunivesithi yaseRhodes ngomhla wesi-5 nowesi-6 kweyoMnga 2013 ngenjongo yokuya kuqoshelisa inqaku alibhale noGqrh uNkomo. Elo nqaku laqosheliswa laza lapapashwa kulindexesha iLexikos 23.

9.2 Ukusebenzisana neSebe lezeMfundo leMpuma-Koloni

IZiko loChazo-magama limenywe, kumathuba ngamathuba, liSebe lezeMfundo leMpuma-Koloni ukuba lithathe inxaxheba kwiindibano zalo zocweyo zomxholo othi; *Incremental Introduction of African Languages* ■

10

IPROJEKHTHI YESICHAZI-MAGAMA YEZIKO LOCHAZO-MAGAMA

IZiko loChazo-magama lihambe ngesantya solovane ekulunqeni izichazi-magama kunyaka-mali wama-2013/2014. Isizekabani soko ibe linani eliphantsi labasebenzi kwanemeko ehaxayo yezemali kwiZiko loChazo-magama. IZiko loChazo-magama linomhleli omnye, uMhleli oyiNtloko otyunjelwe kwesi sikhundla ngokusigxina ngeyoMdumba kunyaka-mali wama-2013/2014. UMhleli oyiNtloko

uxakeke ngamandla kuba nguyeyedwa onoxanduva lokwenza isicwangciso sokuqulunqwa kwesichazi-magama kuphinde ibe kwanguyeyefuneka ebhale phantsi konke ekufuneka kubhaliwe. Kanti kwangelo thuba linye, kufuneka enze umsebenzi wolawulo lweZiko. Abanye abasebenzi beZiko aba-3 abawuqeqeshelwanga umsebenzi wochazo-magama. Iiprojekhthi zonyaka-mali ophelileyo ezathi

zenziwa ngaxeshanye yaba luqulunqo lovimba wesigama ukulungiselela ukuqulunqwa kwesichazi-magama esilwiminiye, isichazi-magama esilwimi-ntathu ukulungiselela abafundi kunye nesiChazi-magama seMathematika neNzululwazi. La maphulo mathathu akwizigaba ezahlukeneyo zenkqubela-phambili.

10.1 Amaphulo oqulunqo lwezichazi-magama

10.1.1 IsiChazi-magama seMathematika neNzululwazi

Ukugabula izigawu

Iziko loChazo-magama lasungula iphulo lokubhala IsiChazi-magama seMathematika neNzululwazi ukulungiselela izikolo nokuxhasa umgaqo-nkqubo wolwimi wezemfundo, ukukhawulelana neemfundo zootishala nabafundi kwisigama sesiXhosa, ukuhluba ubuze bentetho ethi iilwimi zeSintu akunakufundiswa ngazo kwiinkalo zeMathematika nezeNzululwazi ngenxa yokungabikho kwesigama esichanekileyo kwezi lwimi kwanokukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi zeSintu ekufundiseni nasekufundeni ngazo. Esi sichazi-magama silungiselele ootishala nabafundi kwisigaba esiphakathi nesiphezulu samabanga okuqala. Esi sichazi-magama sikwaluncedo nakubantu ngokubanzi ingakumbi ekubetheleleni ulwazi lwabantwana ngabakufundiswe esikolweni.

Iziko loChazo-magama lisebenzise uludwe lwamagama awayequlunqwe liSebe lobuGcisa neNkcubeko nayiBhodi yeSizwe yoLwimi lwesiXhosa. Kungoku nje siqwalasela ikakhulu ukuchaneka kwesigama, ukusetyenziswa kwaso, ukwakheka nentsingiselo yesigama sesiXhosa kwisiChazi-magama seMathematika neNzululwazi.

Inkqubela

Kungokunje iziko loChazo-magama liqoshelisa

amalungiselelo okupapashwa kwesiChazi-magama seMathematika neNzululwazi. Sinethemba lokuba siya kuba sisetyenziswa kwizikolo zabaqalayo ngootishala nangabafundi kunyaka wama-2015.

10.1.2 IsiChazi-magama esilwimi-ntathu

Ukugabula izigawu

Eli phulo lisekelwe kwisiChazi-magama sesiXhosa esiyimiqulu emithathu. Injongo yeli phulo kukuqulunqwa isichazi-magama esisebenziseka lula nesinokusetyenziswa ezikolweni nakumaziko emfundo ephakamileyo. Isicwangciso sethu sesokudibanisa imixholo yale miqulu mithathu ibe kwisichazi-magama esinye esiphatheka lula nesinokusetyenziswa ngabafundi kuwo onke amanqanaba emfundo. Siye siliZiko loChazo-magama saqaphela okokuba abafundi abanakho ukuba bangasiphatha isichazi-magama esiyimiqulu emithathu ngenxa yobukhulu baso. Kungoko siye sagqiba kwelokuba sisicuthe sibe nokuphatheka lula. Abahleli kufuneka befumene imo yokusetyenziswa kwikhompyutha yale miqulu mithathu kodwa basabuya nembande yesikhova kumalinge abo.

Iziko loChazo-magama ligqibe kwelokuba liqeshe inkampani ngaphandle kwamasango eYunivesithi enokuthi iguqule imiqulu emibini kule mithathu (umqulu wesi-2 nowesi-3) ube kwimo efanele ikhompyutha. Ekupheleni konyaka wama-2010, ikho inkampani eyafunyanwa eKapa nekwathunyelwa kuyo amaxwebhu ukuba iwaguqule abe kwimo efanele ikhompyutha. Umsebenzi waqaliswa ngenyanga yoKwindla 2011 waqhuba waya kungena kunyaka-mali wama-2012/2013 apho kwakuguqulwa imo yemiqulu yomithathu yesichazi-magama ukuba ibe kwimo efanele ikhompyutha. Ngenxa yoko, iinkcukacha ezafumanekayo zasetyenziswa ekuqulunqweni kwesichazi-magama esibizwa ngokuba yiConcise Greater Dictionary of isiXhosa. Ukuza kuthi ga ngoku, abahleli sele bequlunqe

uvimba weenkukacha weli phulo, ukuguqula imiqulu emithathu yesichazi-magama sibe kwimo efanele ikhompuyutha.

Isigaba sokuqala sesokukutshelwa kweelwimi zontathu; isiXhosa, isiNgesi nesiAfrikansi zibe kwimo efanele ikhompuyutha. Sele kwenziwe ke oku. Iqela labahleli kungokunje likwisigaba sesibini seli phulo esiquka ukususwa kovimba weenkukacha zolwimi, izaci, izangotshe zolwimi nokucutha imizekelo nezivakalisi ebezisetyenziselwe ukucacisa igama elichazwayo.

Inkqubela-phambili

Amagama achazwayo (imichazwa) esiChazi-magama sesiXhosa aye akhutshelwa kwimo efanele ikhompuyutha ukuze abe nokuhlelwa, hlelo olo lujolise ekucutheni isichazi-magama ngokuthi kukhutshwe ezinye iinkukacha ngelixa kufakelwa ezinye ingakumbi ezekharithulam. Kuhambeka ngesantya sonwabu ke noko kule nkqubo ngenxa yokuba ithatha ixesha elide. Kaloku akukhutshwa kuphela imichazwa ethile koko kukhutshwa nezinye iinkukacha zolwimi ngenjongo yokukhupha isichazi-magama esiphatheka lula nesinokusetyenziswa zizikolo zamabanga aphantsi nezamabanga aphezulu. Iziko loChazo-magama linenjongo yokusebenzisa iTswanaLex njengenkqubo yokubhala isichazi-magama.

10.1.3 IsiChazi-magama sesiXhosa esiLwiminye

Esi sichazi-magama sisekelwe kwisiChazi-magama

sesiXhosa. Injongo yaso kukuba nesichazi-magama esisebenziseka lula nesinokusetyenziswa zizikolo nangamaziko emfundo ephakamileyo. Sijonge ukukhupha isichazi-magama esingenamthamo mkhulu, esiphathekayo nesinokusetyenziswa ngabafundi bawo onke amanqanaba. Ukusungula lo msebenzi, iqela labahleli kufuneka lisifumane esi sichazi-magama sikwimo yekhompuyutha kuyo yomithathu imiqulu kodwa akubanga nakufumaneka oko. Iziko loChazo-magama ligqibe kwelokuba liqeshe inkampani ngaphandle kwamasango eYunivesithi enokuthi iguqule imiqulu emibini kule mithathu (umqulu wesi-2 nowesi-3) ube kwimo efanele ikhompuyutha. Ekupheleni konyaka wama-2010, ikho inkampani eyafunyanwa eKapa nekwathunyelwa kuyo amaxwebhu ukuba iwaguqule abe kwimo efanele ikhompuyutha. Umsebenzi waqaliswa ngenyanga kaTshaziimpuzi 2011 apho kwaguqulwa imiqulu yesichazi-magama yaba kwimo yekhompuyutha, iyila iinkukacha eziya kusetyenziswa kuhlelo olutsha lwesichazi-magama sesiXhosa esilwiminye.

Inkqubela-phambili

Sele siyikhuphile yonke inkcazelo yesiNgesi neyesiAfrikansi, kwasala kuphela inkcazelo yesiXhosa. Ukukhutshwa kwenkcazelo yesiNgesi neyesiAfrikansi asikokuphela komsebenzi ekujolise kuwo koko kufakelwa namagama amatsha ekharithulam afumaneke kwiSebe leMfundo nakweminye imithombo. Esi sichazi-magama silungiselelwe abantu abantetho isisiXhosa ■

11

IGALELO ELENZIWE KWEZOPHANDO

Iziko loChazo-magama laba nakho ukupapasha inqaku kulindexsha iLexikos. ILexikos ngulindexsha ovunyiweyo wamazwe ngamazwe kwaye uqulethe

imiba yochazo-magama kwaye upapasha amanqaku abantu kwiAfrika nangaphaya kwemida yayo ■

Iphulo lophando ngokusetyenziswa kwezichazi-magama ezikolweni (Ukusetyenziswa kwezichazi-magama ngabantu abantetho isisiXhosa)

Intsusa yophando

Intsusa yolu phando kukukhangela ukuba sifaneleke kwaye siluncedo kangakanani isiChazi-magama sesiXhosa kubafundi nakootishala abathetha isisiXhosa. Ngokubuzwa kwemibuzo ephathelele ekufanelekeni nakuncedo lwesiChazi-magama sesiXhosa, olu phando luya kufumanisa ukuba ingaba sinagalelo lini isiChazi-magama sesiXhosa ekufundiseni abantwana esikolweni. Uphando luya kukhangela luze lukhankanye amacebo asetyenziswa ngootishala eklasini.

Imibuzo yophando

1. Ingaba izikolo zinolwazi kusini na ngezichazi-magama zesiXhosa?
2. Ukuba kunjalo, zingaphi izichazi-magama ezinazo?
3. Ingaba bazisebenzisa kangakanani izichazi-magama zesiXhosa kwimisebenzi yeklassi?
4. Ingaba ikho imingeni ekusetyenzisweni kwezichazi-magama okanye ingaba kulunge kangakanani ukusetyenziswa kwezichazi-magama?
5. Ingaba zikho ezinye iincwadi eziluncedo ezisetyenziswayo ngaphandle kwezichazi-magama zesiXhosa? ■

Izicwangciso zolawulo	Amaphulo ezicwangciso
<p>1. Ukuqulunqa, ukuqokelela nokupapasha izichazi-magama zesiXhosa ezahlukeneyo.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ▪ Isichazi-magama sesiXhosa esingul wiminye nesiyimiqulu emininzi ▪ Isishunqulelo sesiChazi-magama sesiXhosa ▪ Ukupapasha isichazi-magama esisebenza ngekhompyutha esisekelwe kwisiChazi-magama sesiXhosa. ▪ Isichazi-magama seMathematika neNzulwazi sesiXhosa ▪ Isichazi-magama sezikolo sesiXhosa nesiNgesi / isiNgesi nesiXhosa. ▪ Isichazi-magama esilwimi-ntathu esincinane (isiXhosa, isiNgesi nesiFrentshi). ▪ Isichazi-magama semifanekiso ▪ Isichazi-magama sabantwana ▪ Incwadi yamabinzana
<p>2. Ukuceba iqhinga lokuthengisa izichazi-magama</p>	<ul style="list-style-type: none"> ▪ Ukubonisa nokuthengisa izichazi-magama kwimibhiyozo yasesidlangalaleni efana neyokuphehlelela, iindibano zocweyo, neenkomfa ▪ Ukuthengisa ngokupapasha kumaphephandaba nakumajelo osasazo (awesizwe nawasekuhlaleni) ▪ Ukuphonononga intengiso yezichazi-magama ukukhangela, umz. imveliso entsha, igalelo lemveliso ekhoyo nokusetyenziswa kwezichazi-magama.
<p>3. Ukuphuhlisa uqeqesho kuchazi-magama, inkqubo yophando, ukubamba iindibano zocweyo neengxoxo ngesiXhosa kwanokumisela iziko elinguvimba.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ▪ Ukumisela iziko elinguvimba. ▪ Ukubamba iingxoxo ngemiba ethile yolwimi lwesiXhosa qho ngonyaka. ▪ Ukusungula iphulo loqeqesho lokusetyenziswa kwezichazi-magama ngootishala, abafundi nangabantu gabalala. ▪ Ukumisela icandelo lophando.

<p>4. Ukucwangcisa imisebenzi yeBhodi yabaLawuli ngokufanelekileyo.</p>	<ul style="list-style-type: none"> ■ Ukucwangcisa iindibano zeBhodi, ezesigqeba neendibano zamacandelo awodwa. ■ Ukuphonononga imigaqo-nkqubo yeZiko loChazo-magama efana nogayo lwabasebenzi, izivumelwano zengqesho, ulawulo lomgangatho womsebenzi, uqeqesho nophuhliso nolawulo lwempahla yeZiko. ■ Ukubeka iliso nokuhlola okwenziwa yiBhodi yabaLawuli.
<p>5. Ukumisela intsulungeko nemfaneleko kwiZiko loChazo-magama ngokugaya abasebenzi aboneleyo nokufumana imithombo yemali eyaneleyo.</p>	<p>Imisebenzi emininzi yenkxaso-mali.</p>

English Section

VISION

To build a sustainable lexicography Unit that provides quality lexicographic products and excellent services to the Xhosa speech community and beyond, in order to advance IsiXhosa as the language of education, science, commerce and politics.

MISSION

To serve the interests of IsiXhosa and its communities through recording, developing and advancing the use of IsiXhosa in all its forms in order to restore the dignity and respect of the language and its speech communities.

VALUES

The Unit will always strive to:

- observe its constitutional obligation,
- be accountable,
- be transparent,
- provide quality products and services
- be respectful, and
- be committed.

The IsiXhosa National Lexicography Unit (XNLU), more commonly known as the National isiXhosa Dictionary Unit, is registered as a non-profit organisation, with registration number 2001/001015/08 and established in accordance with the regulations of the Pan South African Language Board (PanSALB).

▼ TABLE OF CONTENTS

24		BOARD OF DIRECTORS
25		CHAIRPERSON'S MESSAGE
26		LEGISLATIVE MANDATE FUNCTIONS OF THE UNIT
27		SUSTAINABILITY ANALYSIS
28		FUNDING
29		UNIT MANAGEMENT
32		STAFF
